

UWendy wafuna ukudlala phandle. “Umoya uyabhudla kwaye uyabanda. Nceda unxibe shushu,” watsho uMama.



UWendy wanxiba ibhatyi yakhe eshushu emsobo. “Nanku umnqwazi wakho oza kukugcina ushushu,” watsho umama wakhe.



T2_3 The Beanie Nest_big book_X.indd 2 2021/11/04 20:06



UWendy wabaleka waphuma phandle. Umoya onamandla wasusa umnqwazi kaWendy kwintloko yakhe. Wazama ukuwuleqa, kodwa waphaphatheka wanyamalala!



T2_3 The Beanie Nest_big book_X.indd 3 2021/11/04 20:06



UWendy wabaleka wagoduka waze waxelela umama wakhe. “Ungakhathazeki,” watsho umama wakhe. “Mhlawumbi omnye umntu uza kuwufumana aze awusebenzise.”



T2_3 The Beanie Nest_big book_X.indd 4 2021/11/04 20:06



Emva kweenyanga ezimbalwa, kwavela amagqabi amatsha emithini futhi nemozulu yanobushushu. "Yintwasahlobo!" watsho uWendy.



T2_3 The Beanie Nest_big book_X.indd 5 2021/11/04 20:06



UWendy kunye nomama wakhe bavuya kakhulu xa bebona intaka yakhele amantshotsho ayo, indlwane eshushu ngomnqwazi kaWendy.



T2_3 The Beanie Nest_big book_X.indd 6 2021/11/04 20:06

